Isalathiso: 20200305-5381
Inombolo yefayili: 12/2/8/13
Imibuzo: A Lundie

INgcaciso eMfutshane yeCandelo le-*GET*: DCG 0004/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli be-*FET* ne-*GET*, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, nezezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa nezezikolo ezizimeleyo

Isihloko: Isicelo esiya kubafundi bamaBakala 7 ukuya ku-12 sokuba bathathe inxaxheba kukhuphiswano i-*2020 WCED Nelson Mandela University National MathArt competition*

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) lamkele i-*STEAMAC* njengezinye zezinto ebalulekileyo ekufuneka zenziwe ngokwezicwangciso zobuchule zeSebe. Le nkqubo iquka izifundo zoBugcisa, ezoLimo noSetyenziso lweeKhowudi, ukongeza kwizifundo ze-*STEM* (*Science, Technology, Engineering and Mathematics*).

2. Uphando lwarhoqo lubonise ifuthe elihle lezifundo zoBugcisa kwiziphumo zezifundo zabafundi nakuphuhliso lwezifundo ze-*STEM*. Inkqubo ye-*STEAM* (i-*STEM* nezifundo zoBugcisa) kwezemfundo ibubona ubugcisa njengecandelo elidibanisa izifundo neliza neenguqu ekufundiseni nasekufundeni.

3. Ngokungqinelana nenkqubo i-*STEAMAC*, abafundi kumaBakala 7 ukuya ku-12 bayacelwa bathathe inxaxheba kukhuphiswano i-*WCED Nelson Mandela University's National MathArt competition*. Olu khuphiswano yiprojekthi ye-*Govan Mbeki Mathematics Development Centre* nekwalihlakani leSebe i*WCED*.

4. Umxholo wokhuphiswano lwalo nyaka uthi, *My Universe*. Ukhuphiswano lwe-*MathArt* lucela umngeni kubafundi benze umsebenzi wobugcisa wentsusa (*original artwork*) onxulumanisa iMathematika ngendlela ebonakalayo nenobuchule kumxholo wokhuphiswano. Ugxininiso lusekuchazeni iMathematika ngendlela enobugcisa ngokwenza umsebenzi wobugcisa ombonakalo emacala-mabini (*two-dimensional (2D) artwork*)) besebenzisa iMathematika.

5. Abafundi bamaBakala 7 ukuya ku-12 abasuka kuzo zonke izikolo zeSebe i*WCED* bayacelwa bathathe inxaxheba kwesi siganeko.

6. Injongo yokhuphiswano lweMathematika noBugcisa kukukhuthaza abafundi bacinge ngobuchule nokubanika ithuba lokuphicotha iMathematika ngendlela eyahlukileyo.

7. Ukudityaniswa kweMathematika noBugcisa bokuBonwayo
   a) kubonelela ngenkqubo entsha eqinisekisa inkuthazo nokuzibandakanya kwabafundi nootitshala kwiMathematika nakuBugcisa bokuBonwayo;
   b) kuphucula ukufundwa kweMathematika noBugcisa bokuBonwayo ngendlela enika intsingiselo; kunye
   c) nokuphucula ukufunda nokufundisa okuquka iinkalo ngeenkalo ngokungqinelana nezakhono zenkulungwane ye-21.

8. Njengokuba uBugcisa bokuBonwayo (*Visual Art*) buyinxalenye yeNkcazelo yomGaqo-nkqubo weKharityhulam noVavanyo loBugcisa boKwenziwayo (*Creative Arts Curriculum and Assessment Policy Statement*) ootitshala banokusebenzisa imisebenzi yobugcisa eyenziwe ngabafundi bamaBakala 7 ukuya ku-9 kolu khuphiswano njengomsebenzi wovavanyo.

9. Kucelwa uqaphele esi sikhokelo silandelayo sokuthatha inxaxheba:
   - Olu khuphiswano luvuleleke kubo bonke abafundi kwiSigaba esiPhakamileyo nakwiCandelo le-*FET*: kumaBakala 7 ukuya kwele-12.
   - Wonke umsebenzi ongeniswayo mawufakwe **ngekhompyutha** ngomhla okanye phambi **kwe-17:00, nge-30 Apreli 2020**. Kuphela ngumsebenzi ongeniswayo osekhompyutheni oya kwamkelwa. Kucelwa uklikhe kwidilesi yeziko lewebhu apha, http://www.mathart.co.za/#.
   - Umfundi ngamnye angafaka umsebenzi ongeniswayo ube mnye kuphela.
   - Abafundi bavumelekile ukukhetha naluphi uhlobo olusetyenziswayo olumanzi kunye/okanye olomileyo lwezinto zokuzoba, kuqukwa, kodwa kungaphelelanga kwiipensile, kwiipeni, kwiipeyinti eziyimibala-bala, udidi lwepeyinti iithempera, kwii-akhrayilikhi, kwiikhrayoni, kwiiphasteli okanye kwi-inki, kwizinto eziqukwa kwezobugcisa, udongwe, ukhuni, iphepha, njl. njl.
   - Abafundi banokungenisa kuphela imisebenzi yobugcisa engu-2D. Umsebenzi wobugcisa ongathi wakhelwe phezu kokuthile obizwa i-*relief work* uvumelekile, kodwa mawungabi ngqindilili ngaphezu kwe-2 cm yaye zonke izinto ezidityanisiweyo maziqhobosheleke kakuhle.
   - Isayizi yomsebenzi ongeniswayo ongu-2*D* mawungabikho mncinci kunekhasi u-A4 (21 x 29 cm) yaye ungabikho mkhulu kunekhasi u-A2 (42 x 59 cm).
   - Wonke umsebenzi ongeniswayo mawube ngumsebenzi wobugcisa wentsusa womfundi. Iikopi ezisuka kwi-intanethi okanye kwabanye oovimba azisayi kwamkelwa.
   - Umsebenzi wobugcisa akufuneki ube yifoto okanye iigrafikhi ezenziwe ngekhompyutha.

- Imisebenzi yobugcisa mayingaqulathi ilungelo lokupapashiweyo (*copyright material*), izinto ezoyikisayo, ezikrwada okanye ezithukayo.
- Yonke imisebenzi engeniswayo mayenziwe ngumfundi ngamnye. Ukungeniswa komsebenzi ngokwamaqela akuvumelekile. Akukho sithintelo kwinani lemisebenzi yobugcisa engeniswa sisikolo.
- Igama lomfundi okanye lesikolo malingaveli kumphambili womsebenzi wobugcisa. Malichwethezwe igama, ifani, ibakala nesikolo (ngefonti u-*Arial*, isayizi yefonti: ibe ngu-11) lincanyathiselwe ngeglu yestikhi ecacileyo ngasemva kumsebenzi wobugcisa (kucelwa ukuba ungawusteplishi)
- Abafundi kufuneka kwakhona babhale inqaku ngomsebenzi wobugcisa wabo, ngokuphendula lo mbuzo ulandelayo:
  a) Sesiphi isihloko kwiMathematika osisebenzisileyo ukwenza umsebenzi wobugcisa? Cacisa impendulo yakho.
  b) Ingaba umdibanise njani u-"*My universe*" neMathematika? Cacisa impendulo yakho.
  c) Ucinga ukuba ubuchule bungasetyenziswa ukufundisa iMathematika?
- limpendulo kwimibuzo mayibhalwe phantsi okanye ichwethezwe ibe ngumhlathi omnye (50 ukuya kwi-100 yamagama).

10. Umboniso wale misebenzi ingeniswayo ikhethiweyo uya kuqhubekela e-*Nelson Mandela Metropolitan Art Gallery* eBhayi ukususela nge-20 Juni ukuya kwi-04 Julayi 2020.

11. Itheko likaZwelonke loKuwongwa ngamabhaso abaphumeleleyo liya kuqhubeka nge-04 Julayi 2020 eNelson *Mandela Metropolitan Art Gallery* eBhayi.

12. Itheko leSebe iWCED loKuwonga ngamabhaso abaphumeleleyo kwiphondo liya kuqhubeka nge-27 Agasti 2020 kwithiyetha yase-*Artscape*. Imisebenzi eboniswe kumboniso wephondo iya kuquka umsebenzi ongeniswayo wabaphumeleleyo kuzwelonke kwakunye nemisebenzi yobugcisa eyongezelelweyo ekhethwe yiphaneli yabagwebi yephondo.

13. Klikha kule linki okanye uskene ezi khowudi ze-*QR* nenkcazo-ntetho enika ingcaciso ethe vetshe ngokhuphiswano:
https://drive.google.com/file/d/1b9gnj11Fkg9xs5-VyUtZQafSYqFWTuBw/view?usp=sharing

14. Yiya kwiziko lewebhu le-*MathArt* elisemthethweni, http://www.mathart.co.za/# eliya kunika ingcaciso ngokulandelayo:
    - Umxholo
    - Indlela yokungenela
    - Imigaqo
    - Imbali ngokhuphiswano
    - Irubrikhi yovavanyo

15. Kucelwa ootitshala baqhagamshelane nomcebisi ngezifundo zoBugcisa boKwenziwayo kwi-ofisi yesithili yabo ukufumana ingcaciso engaphezulu. Apha ngezantsi kudweliswe iinkcukacha zoqhagamshelwano zabacebisi ngezifundo zoBugcisa boKwenziwayo.

Isithili	**Umcebisi ngesifundo**	**Ifoni**	**Idilesi ye-imeyili**
Metro North	Noeline Appel	021 938 3051	Noeleen.Appel@westerncape.gov.za
Metro Central	Betsie Strydom	021 514 6762	Betsie.Strydom@westerncape.gov.za
Metro South	Natasha Esbach	021 370 2045	Natasha.Esbach@westerncape.gov.za
Metro East	Michelle Petersen	021 900 7016	Michelle.Petersen@westerncape.gov.za
Metro East	Gezania de Jongh	021 900 7009	Gezania.DeJongh@westerncape.gov.za
West Coast	Deon Burger	021 860 1200	Deon.Burger2@westerncape.gov.za
Cape Winelands	Cantél Ross	023 348 4618	Cantel.Ross@westerncape.gov.za
Overberg	Margie Clarke	028 214 7349	Margie.Clarke@westerncape.gov.za
Eden & Central Karoo	Phillip Jaftha	044 279 1681	Phillip.Jaftha@westerncape.gov.za
Head Office	Anina Lundie	021 467 2016	Anina.Lundie@westerncape.gov.za

16. Singathanda ukukhuthaza zonke izikolo zisebenzise ithuba lokuthatha inxaxheba kule projekthi itsala umdla.

17. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane ootitshala abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2020-03-11